Isalathiso: 20210517-3033
Inombolo yefayili: 13/7/1/2
Imibuzo: ABacebisi beZifundo

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0006/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo), kwiiNgcali zeMfundo eziziNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zolawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: IMisebenzi yoVavanyo lwePrakthikhali *(PATS)* ye-*Technical Mathematics* ukulungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-2021

1. **Intshayelelo:**

1.1 Kuye kwasetwa iMisebenzi yoVavanyo lwePrakthikhali (*Practical Assessment Tasks*) (*PATs*) kwizifundo ezikhethiweyo liSebe leMfundo esiSiseko (ISebe i*DBE*). Ezi *PATs* ziyinxalenye yeemfuno ezimiselweyo zovavanyo kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2021 njengoko kuchaziwe kwi-*Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)* yesifundo ngasinye esichaphazelekayo.

1.2 Ezi *PATs* zivavanywa ngaphakathi ezikolweni zize zimodareyithwe ngaphandle kwalapha kwiphondo.

1.3 I-*PAT* ye-*Technical Mathematics* iqaliswe okokuqala ngqa kwinqanaba leBakala 12 ngo-2021.

1.4 Amaxesha asikiweyo okuphunyezwa kwale *PAT* afakiwe kwisikhokelo se-*PAT*.

2. **Ukuvavanywa kwee-*PATs***

2.1 Izikhokelo zee*PATs* zango-2021 zinokufumaneka ngokusebenzisa le linki (https://tinyurl.com/yhyyk58j) okanye ikhowudi ye-QR. Ii-*PTAs* zikwafumaneka kwiziko lewebhu yeSebe i-*DBE* (kwi-*home page,* klikha ku-*Curriculum/National Curriculum Statements* (*NCS*) *Grades R–12/Practical Assessment Tasks*).

2.2 Kuya kunikwa inkxaso ngabacebisi bezifundo nangabacwangcisi bekharityhulam abakhulu abachaphazelekayo kwezi zifundo abakwii-ofisi zezithili zemfundo ekuhambeni konyaka. Ngako oko ke kufuneka izikolo ziqinisekise ukuba ootitshala abachaphazelekayo bayaya kwiintlanganiso zezithili ezisingethe ukuvavanywa nokumodareyithwa kwee-*PATs*.

3. Ziyacelwa iinqununu namagosa ezithili ukuba zazise ootitshala, abazali nabafundi okukule ngcaciso imfutshane ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-05-19